

IFANDESI ELIKULU

ILE
MPAHLA NE NGUBO,

—KWA—

GIBBERD & BRYANT.

I-kaliko emhlope iqalela kwi 2id.

I-lokwe ziqalela kwi 33d.

EJZIS*KOYO EZISEKOYO

NGAMATAMSAHQQA AMAKULU!!!

Eza 25s, Isuti-Zamadoda ze zitofu zitoyelwe kwi 1411. Ibatyi Zezitofu Zamadoda ziqalela kwi 3/11. Ibhulukwe Zezitofu ngesiqinga-ta se xabiso.

KUXONYWE NGAZO

GIBBERD & BRYANT,

KO TITSHALA.

KUFUNWA Umfundisi Wentsapo ongu Mshetsshi, oeta Isisutu (ontsundu nokuba ngo mhlope), owoncedisa Ezinkonzweni. Umvuzo ngofanelekileyo. Oyifunayo wotumela ku REV. C. JOHNSON, St. Augustines, Rorkes Drift, Zululand.— 10it4990

ISAZISO NGENKABI.

KUKO INKABI EGWANGQA eze nombheshi wam. Wati eye nenqwelo e Qonce kwalahleka eyam, kwati ngokufuna wafumana le-ke, eba viyo kuba zifana, kuba ndiziboleke komnye umlambo, yena ungo- womnye umlambo, neyam igwangqana, yona incinane. Ndicelela mniniyo azike ukuba ilapa kum Esikobeni saba Tembu. Ilahleke nge 16th yafunyanwa nge 18th esikiti. Wabhatala, wabopa, weza neno. Lenkabi imasu matatu ikeveline ngoku; upau lukwindlebe yokunene kupela—yinkonjane ne halafu mantyi ngapantsi ke. Neyam leyo ucele amehlo ngayo; ipaulwe indlebe zombini yona; imasu mabini ikevelisatatu ngoku. Ndim, LUKE NTANTA, Esikobeni, Tembuland. 31218

Ihashe Elilahlekileyo.

NDILAHLEKELWE lihashi lam elifosi eNyara ngo 12th July. Alilifupi kakulu, alilide. Amanqina alo ayafana onke afun' ukuba gwangqa-mhlope kancinane entla kwempu ngongwaqondi nkude. Awangapambili anenteimbi. Isingci asi- igjamilie sincinane; lincolwana ebunzi; indlebe yasekunene iggojoziwe? kwicala lekoloh lomhlana liqal' isilonda. Xa kwe-Lweyo liyatanda ukuyipakamisa Ondlandisayo makabhalele kum, ndomvuza. ALEXANDER MSUTWANA, Wesleyan Mission School, 31218 Somerset East.

OCELA AMEHLO.

UHLOBO NGELISA, ucela uncedo: Inkabi Zamahasha ezimbini zilahlakile; elinye yimpemvu, inomtshiso esanda- ndeni, inomnye umtshiso entanyeni ngasekhohlo pantsi kwe singci; kwelinye icala lentamo kuko isazinge soboya; iminyaka yalo ilishumi elinanye, likulu, lityebile. Elinye ligwangqa, lidana lingenasiq; iminyaka yalo isibhozo. Owafumeneyo makawazise ku KEPEVI umpakati ka Sabata e Qwebeqwebe (Main) wovuzwa kama. 2it448

ISAZISO.

UKUBA Inqwelo ka MNONONO wesika Xegwana e Qitsi, kumandla wase Ngoobo, eyayize kukandwa, esekukudala igqityiwe, ayikululivanga ibhatatalelwe ngu mniniyo kwisituba esipakati kwe VEKI I EZINTANDATU kususela ku 9th AUGUST ozayo, iya kutengiswa ihlaule indleko zonke. Witness: A. GONTSHI,

Agent for Chas. Pendleton, Sxoxweni, Ngqamakwe, 31st July, 1890.
CHAS. F. PENDLETON, Blacksmith and Wagon Maker, 61119 Gqogqorha, Transkei.

KUFUNWA.

UMBHEXESHI wamahasha, okwaziyo ukupata amahashe. Wovuzwa umsebenzi ngo 1st September, 1890. Makabhalele atumele nezinqinisiso zokuba unobunchatu, kanaanjalo uyawazi lomsebenzi. W. N. GARDNER, 31218 Stutterheim.

AN ADDRESS.

Correspondents please address: Rev. W. HOLFORD, UMTATA, 4i78 TRANSKEI.

NATIVE LABOUR.

WANTED AT ONCE 500 Natives for the Colonial Government Railways. Wages 3s. per day. Apply at the Stores of Messrs Hadnott & Co., General Dealers, Queenstown. tcmd

IBIMELWE knkwahlukana ekufeni kweveki egqitileyo Ipalamente yase Transvaal.

U SIR JACOBUS DE WET ugqite e Natal ngedlulileyo iveki nkuya e Pretoria.

IBHANTINTI elibaleke entolongweni e Kimberley lite ngobusuku londa ngendlu ka Mr. McKenna, imantyi, labanjwa lifike lipanga impahla.

I RULUNELI yase Natal ibike yahambela kwa Zulu yanamatuba okublangana nenkosi zelo.

KUNCONYWA ngamapapa ama Ngesi imvumo yeqela labe bala letu abavela e America abahamba bevuma kwelilizwe. Abakwenzwe e Kapa nase vusta sekubandulele e Bloemfontein nase Pretoria. I President ye Free State iyaleze kubantu bayo ukuba baze batatwe ngobubele, waye u General Joubert eyaleze kwalonto ku President Paul Kruger. Ababavumi ngabaya baka bajikela e England kutiwa zi Jubilee Singers. Bapetwe ngu Mr. McAdoo.

ISIKALO sokubalela siqalile.

AWAYEKILE amaqela abantsundu ukusuka kweli lisezantsi esiya kumba indlela kaloliwe kwelipezulu.

U MR. HUGHES wase Tyume ulindiselwe Ijaji ngetyala lokudubula umntu omnyama. Uti, engqinelwa ngumfazi, upnne ngobobusuku amaxesha ada amabini eva ukukonkota kwenja, wada ngokwesibini wafumana wafuniselela wabhekisa ngasetankeni ukudubula. Umangalisiwe kuva ukuba udubule umntu.

INKOSI (Sultan) yase Zanzibar ikupe isaziso sokunqumamisa ubukoboka kwelo layo.

IKUMKANI yase Russia ikupe ngegunya i Ukase, oko kukuti umteto ongqongqo ukuba onke ama Yuda apume kwimida yayo. Zizigidi abantu abangenamakaya sesi senzo.

IKUMKANI yama Jermenl isahambele kwelama Ngesi.

ISEBE le Mbumba yama Bhulu lase Cradock lizimisele ukuxhasa u Mr. W. J. Michau (Miro), elase Steynsburg lifuna u Mr. G. H. P. de Bruin, ngalomnyadala wamalungu Endlu Yengwevu nzakubako. Ngabangena kugqatso Iwesitile esisemantla n' empumalanga abo.

ASIYOMVULA — ngonogumbe — kwelase Kapa.

AMAXABISO empahla kwelingsa Tinara ngawo la:—Inkomo zokuxhela £4 15s, de kute £7 2s 3d; Imazi £3 de kube £5 7/6; amatakazi £1 15s, de kube £3; inkabi zegusha 12s, ezehobole 17s 6d. --

UMFO ontsondu osebenza ezibhotini e Monti, ute ngolwesi-Hlanu Iwegqitileyo wemka neliza watshona.

KUBANJWE iminenge emibini e Bhayi ngolwesi-Hlanu. Eqayibe izakuna kunene ibanjwe nje, ngokutsho kwamawetu.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, AUGUST 7, 1890

UNYULO LWENDLU YE NGWEVU.

NGOMMISELO wombuso weli Lizwe kuti kwakupela isixenxe seminyaka lipele ixesha le Bandla ekutiwa Lelingenta (Lengwevu) le Palamente. Eloxesha ke lifikile, kuba lamanene angaweli Bandla ngoku ayenulwe ngo 1883. Kuyakuti ngelintuba yakwahlukana le Palamente ihleliyo ngoku zipume izaziso zovoto olutsha lwamalungu alendlu.

Kuyinto elunge kunene ukuba ube umzi uyicinga lento ungotuswa kukubona seyivuka pakati kwe-mimbona uze uyiqube ngobunxudunxudu. Indlu ye Ngwevu nakuba ingenawo amandla angangawengapantsi kwayo, kodwa isihlahla sayo ukumisa nokuqetula umteto siyalingana nesendlu engapantsi. Makungati kuba umbuso—ukuma nokuwa kwawo—upetwe yenggezantsi kubeko ukukutyeshela ukulungiselela engentla Inkundla. Kungumsebenzi womntu wonke onevoti ukuba elo lungelo lake alisebenzisele kubeni Inkundla izaliswe ngamadoda engqondo nawenyaniso, kuba indoda inye enoluvo olunxahileyo mayelana neqela elitile pakati komzi, inokwenza umnakalo ongatetekiyo. Kungoko-ke esiyuyalezayo lomcimbi kumadoda omzi kwakungekavuki ingxushungxushu edla ngokuhamba novoto.

Ukulungiselela umelo kwimbutu ye Ngwevu, Ikoloni ifike yenziwa iziqingata ezisibhozo ngoluhlobo:— 1. INTSHONALANGA, esi siquka i Cape Town, Cape Division, Stellenbosch ne Paarl. 2. AMANTLA-NE-NTSHONALANGA, awabuta izitili ze Worcester, Malmesbury, Piquetberg, Namaqualand ne Clanwilliam. 3. AMAZANTSI-NENTSHONALANGA aminyele i Swellendam, Caledon,

Riversdale, Oudtshoorn ne George. 4. PAKATI, esidibanise i Graaff Reinett, Richmond, Beaufort West ne Victoria West. 5. AMAZANTSI NE MPUMALANGA, esi siwankatele i Port Elizabeth, Uitenhage, Albany, Grahamstown ne Victoria East 6. AMANTLANE MPUMALANGA, aquka i Somerset East, Fort Beaufort, Cradock, Colesberg ne Albert. 7. IMPUMALANGA, eminyele i King Williams Town, East London, Queenstown, Aliwal North, Wode house, Tembuland ne Transkei, ne Griqualand East. 8. GRIQUALAND WEST, etabata i Kimberley ne Barkly West. Isitili esikulu sisinye kwesi sibhozo simelwe kunyula amadoda 3 ngapandle kwesase Dayimani esinyula indoda enye.

Ke imimandla angaba amawetu anevoti kuyo iqala kumandla wesi-hlanu, ekunokuti-ke kulemimandla ukuba kuanjisiwe ngemvisiswano umzi upumelele ukutuma amanene nokuba angamabini, ubupantsi libe linye esingati tina bamnyama sibe nokulitemba ukuba lingaluquba uluvo lwetu xa kuko ingxoxo engati. Kulenteto asisayi kubalula manene angalungileyo kokwetu ukubona ukuba axhaswe sithi bebala, kuba kungekabiko bani selete wabekwa pambi komzi. Sinezwi kodwa esinga singalibhekisa kokawetwu umzi. Leli lokuba singumzi ongekoyo kakade evotini eku-funeka obobuncinane sibubo sibe bubo ndaweni 'nye. Londawo inye isifaneleyo kukuba sizizamele amadoda emfundo nengqondo, azimvo zintle ngakuti, abe ngamanene anokwenza izwi ezingxoxweni. Singati sike sanawo amanene anjalo kulendlu ye Ngwevu singalaha imizimba. Siti njengokuba singe-nakuzingca ngamanani masesifelisela ekunyuleni izititi, ingqondi, namadoda ayakufika aziwe ngamanye e Bandla isitonga sawo; ukuze ati nokuba ayoyiswa evotini njengokuba o Mr. INNES, no Mr. SAUER, no Mr. DOUGLASS, no Mr. SOLOMON bebesakoyiswa kwindlu engapantsi, babe bekugqibile, kungaraneki nto, bona ubuciko. Ingaba ayivakalina ezingqondweni zomzi lendawo siyiyalezayo?

Impawana.

NGESEZO SO Ruluteni omtsha ukuxoxisa icebo lo Rulumeni opunitileyo lokugququla inqubo yokonganyelwa yimantyi enkulu komantyanu, kumhlope ukuba azikuba sahanjiswa inguquko ebeka zapambi komzi. Engenile omtsha u Ruluteni sesinamabala amahle esingabulela ngawo. Sikoliswe sisenzo sokungapawisa kwe ofisi yo Mpatiswa Bantsundu. Imicimbi yetu ayikuba namntu uyaziyo xa ichtiwe le ofisi. Sibe singayivisiti kakade tina into yokuba omantyanu Pesheya kwe Nciba banikwe isihlahla sokuzipata iziqingata zabo bangapendlu kumantyi omkulu. Bekuya kudlalwa ngemfama zakawetu.

EKUBENI umteto omtsha ongeniswe ngu Mr. Trower wase Rini onqumamisa ukutshila kweli lizwe. ube ungakuvumeli ezifameli kupela, u Sir Thomas Upington ungenise icebo ukuba kupele kuyo yonke ikoloni. Ukutshila bekungaseko kwelipetwe ngu Captain Blyth Pesheya kwe Nciba, akuvakali ukuba kuko umonakalo obangwe koko kona. Nakule Koloni ukunqunyanyiswa kwabakweta ngomteto akusakwenzakalisa koba luncedo endaweni yenguzi Sinosizi ukuba Indlu ye Ngwevu ibone ukuba uqetulwe lomteto.

UKUNGAVANI okukoyo pakati komzi ontsondu wase Ngqushwa nabapatiswa mahlati bakomkulu mayelana negunya labantsundu kumhlaba wase Ngqushwa seloko kuko isiqingata lokubanjwa komteto wamahlati; kodwa isuke lento yongezeleleka, ngoku abapatiswa mahlati bazama ukubonisa ukuba izizwe ezintsondu azinalungelo kulomhlaba wase Ngqushwa. Imvumelano zika Rulumeni ne Nkosi uti Umpatiswa-mahlati zapelelwa ngamandla mhlga ngo 1847 elo lase Ngqushwa labandakanywa e Koloni ngesaziso sakomkulu. Lomcimbi ubonakala umkulu ngoku ungangafelwe kugqitywa ngabapatiswa mahlati. Yindawo yokukangelwa ngu Rulumeni le yamalungelo abantu bakawetu e Ngqushwa iqiniselwe kungabiko kundita.

"OKWEKOLWA UKUBHUBHA."

Abalesi betu sebezivile ezingokubhubha kuka Sir Henry Connor, Inkulu ye Jaji e Natal. Kubaliswa okuhle seleselukuwenzwe kutiwa ute akuxelelwa ukuba isigqithimi sakwanapakade sesimlindlele nepenyane emlanjeni wokufa wabhekisa kugqira. "Sendisifa kakulu ngoluhlobo-na, Doctor?" utsho ngelipolileyo. "Ewe," ibe yileyo impendulo eyoyikelayo yegqira, elifike laqokela lati, "ukuba uyatanda ndingatuma umntu ayekubiza umfundisi." Hayi ndiyabulela." Iitshilo ixego le Jaji, "ndibe ndite konke ukupila kwam ndahlala ndizamelala ukuba ze ndingabinaloviko kwakufika ixesha lokubhubha." Okwenyaniso uhle eugenabatunjena umfundisi umpelekayo ukuya emlanjeni owahlala elipakade neliya.

Ipalamente.

UMTETO WEZICAKA.

Ingxoxo engalomteto asinasituba sayo kwelanamhla esoyikangelelayo kwelezayo. Igqitywe ngolwesi-Tatu Iwegqitileyo ingxoxo leyo—laqetulwa icebo lika Mr. P. J. du Toit. Abaxhasi be 23, abachasi balo 35. Amalungu o Rulumeni omtsha ahlulelene pakati, u Mr. Sauer, Mr. Merriman no Mr. Innes babengakwicala eliqetulayo; waye u Mr. Rhodes, Mr. Sivewright no Mr. Faure bewuxhasa.

I GLEN GREY.

U MR. VAN RENSBURG, upendulwe kum'buza abewubhekise ku Rulumeni nge Glen Grey, ngu

MR. FAURE (Umpatiswa Bantsundu) ote, amapepa angalomcimbi umninzi, waye engekabi naxesha lokuwalesa. U Rulumeni woka awukangele lo mcimbi wemfanelo yabo bonke abantu abangaba bayabanga.

UMTETO OPELISA UKUTSHILA.

Lomteto ute wakubon' ukuba umisiwe lelinye isebe le Palamente, waqetulwa wakufika kwindlu ye Ngwevu, ngo-Mvulo lo ugqitileyo.

UCINGO E LADY FRERE.

Ependula u Mr. Orpen, u MR. SAUER ute umcimbi wokumisa ucingo oluya e Lady Frere uyakulungise- lelwa kunye nezinye indawo ngapambi kwezayo i Palamente.

UMANYANO NGE MFUNDO (N.E.A.).

(Isipelo.)

Kubuye kwangenwa kusasa ngolwesi Tatu ngo 12 a.m. Kufundwe

IMICIMBI NENGXOXO ZEGQITILEYO (consideration of minutes) yi Secretary, Zankelwa.

IKOMITI ZASE KAYA.

Intlanganiso ipulapule ingxelo ye Komiti yengxoxo ka Mr. Umha! engeniswe ngu Mr. Philip, ote—: cubonile ukulunga kwelicebo lika Nkosi ukuba belinokwenzeka, soloko kuko uloyiko lokutwatululwa kwezi Komiti, ngati okwangoku alikusebenza nto, ngoko ke elicebo malime; kodwa Ikomiti emiyo yo Manyano mayikutalele umsebenzi wayo ngapetzu koko ibonise ngako kwixesha eligqitileyo, ikangelele kanye ezindawo zingwenelwelela liclebo. U Mr. Mhalla ute ubhilele, wabuya wenza incalzo nglelicebo esithi lelona xesha eli lok venziwa kwezi Komiti.—Kuxoxe o Messrs. R. N. Gaba, D. Marela, J. K. Bokwe, Foxongwana, N. Gasa, J. Tunyiswa no Mr. Kobe ote: Elicebo lilungile malike libekelwe intlanganiso ezayo, ake amalungu aye kulicinga, kuba lindawo ezinemfundiso, icebo eli lona lilunge kwapela. Watelelwa ngu Messrs. Tunyiswa, Ncapayi no Mtoba njenge sigqibo se Komiti.

UKUHELELWA KWA MAGEAMA.

Kumashumi a 86 kukutsho 25 ngenxa yokungezi, nokungablatlali, la—Revs. E. Magaba, S. Mvambo, S. P. Sihlali; Messrs. M. Galela, S. Nzeku, N. Macwela, Nkosani, S. Makapela, S. Makubalo, S. Mzimba, S. Maqina; Rev. D. Msikinya; Messrs. F. Ntsangani, A. Mali, D. Mbaza, P. Sidumo; Rev. J. Goduka; Messrs. E. Mabengeza, H. Ngcayiya, J. Adams, W. Sikweyiya, C. Msikinya, E. Marela and P. Nkosinkulu. Bonke aba bangapandle ke komanyano.

UKUFUNDA KWA MAPEPA.

Kufundwe ngu Mr. J. K. Bokwe elika Mr. S. T. Konongo elingo Rev. Tiyu Soga. U Mr. D. Marela ufunde ipepa elinge Mfundo kwiziqibi ezibini—1. Intshayelo, 2. Yihambiso nesipelo sayo. U Mr. H. Mboni ufunde—Ngamasko Hlanga, nokuba ngoku kusukelwa elo-kwa Luka.

INGXOXO NGALA MAPEPA.

U Rev. W. Philip ubulele ipepa lika Mr. S. T. Konongo, wati linika isifundo esihle, kwakanye indawo eti uti umntu ontsondu akuwela ukuya kutunda abuye eneratshi. Kulandelelo Messrs. Foxongwana, Njikelana, Tyamazshe, D. Mini, H. Bezuzana, J. Ngqandwa, Ncapayi no P. Qwela (Pirie) ote wam balisa umfo lowo ngokumazi. U Rev. W. Philip ute u Mr. Konongo makabhalwele buliwe nalenkatalo ingaka ayenzileyo, watelelwa ngu Mr. Bokwe. U Mr. Sondihe (Zidenge) uvumelene nembaliso ka Mr. Qwela, wongezelela ngeliti akwaba olu Manyano lungazinika indleko ngokushicilela incwadi ezibalisa ngu Ntsikana no Rev. Tiyu Soga, ize abantwana bafunde onke amabali alamadoda.—U Mr. Marela ubulelwe ngu Mr. Philip. Kuxoxe lamanene Messrs. Tyamazshe, okalazele ukutshona e Sixoseni kombhali lowo, N. Gasa, Tunyiswa, S. Mtoba ne Presi-dent, Kwagqitywa kwelokuba ize litunyelwe kwi Mvo.—Kwelika Mr. H. Mboni kusuke u Mr. N. Gasa olidele wancamisa, wati alinamfundiso kanye. Kwalandela u Mr. Tyamazshe osuke yena wavumelana no Mr. Mboni. Kwatelela o Messrs. Ncapayi no Qwela, ute ulwaluko lungurexeshe emfundweni. U Mr. J. Kwaukwa (Pirie) ukanyeze indawo eti abantwana batunywa ngabazali ekwalukeni. U Mr. T. Tshona ute naye akalolwa ukuba abazali baya batuma abantwana, Kwateta no Messrs. Mabona, Mhala no Nopondo, obone ityala eramenteni. U Mr. Mateza vena ute, akuko yeza, kupela makucelelwe u Rulumente, makacelelwe abe nento ayenzayo.

I SECRETARY.

Kute ngenxa yokumka kuka Mr. S. Govu kwafuneka kunyulwe i Secretary. Yanyula ke intlanganiso u Mr. Ncapayi, u Mr. James D. Gulwa abeyi Assistant Secretary.

INTLANGANISO EZAYO kunyulwe ukuba ibe kwa Nkosi W. Kama, e Xesi (Middle Drift). Abaya kufunda amapepa: Messrs. Mhalla, J. K. Bokwe no Njikelana.

UMBULELO.

U Rev. W. Philip ubulele ngamandi umzi wakwa Hleke ngobubele nenyameko. U Mr. Ncapayi ubulele i choir no Mr. Bokwe ote wayinandipisa ngamaculo nango hadi. Yayvalwa ke intlanganiso ngomtamdazo ngo 4:45 p.m.

C. A. JAY & Co.

Kwizitola ezibezisakuba zezo

JOHN J. IRVINE & CO,

Kingwilliamstown.

Kwabafuna

Imela, Ifolokwe, Into-Zokusebenza (tools), Izikonkwane Izikolofu (screws), Izitya ezinjengenkumtye. Ikoyi, Into-Zokubhula-Umbona.

Into yonke efuneka ENDLWINI nase *MASI* MINI

Kutengiswa

Busulu:

IKULU LESALI

EZINGONOXESHA.

Kaulezani Ukuza,

Ukuba nifuna

Isali Ezitshipu,

Ezibe zizezampolisa,

Ezomeleleyo-ke ngoko.

KWA.

W. O. CARTER & CO.

EQONCE.

KWI VENKILE

YO KATA.

Amayeza ka Cook Abantsmndu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.

9d. ibotile. Elika

COOK Iyeza Lepalo.

1/6 ibotile. Ezika

COOK Iplis.

1/ ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

Oka

COOK Umcaza Westepu Sabantwana.

6d ngebotile.

Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d

ngesiqunyana.

Oka

COOK Umcaza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake

Ikaya Lendwendwe.

SIYAZI8A ukuba "Ikaya" sisaligcinile apa e-Komani, Amagumbi, nezitole, nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantai kwe Marike.

R. T. NUKUNA & CO.,
Calderwood Street, Queenstown.

PEACOCK BROS. NO WEIR,

E KOMANI,

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani aluugileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I-ertyis, Umbona, Amazimba, bahlele benawo.

qt31090

UBOYA! UBOYA!

F. SMALE, kwa Mpuluse,
(Apo ibingu W. FENNEL).

NJENGOKUBA ixesha loboya lisondela u F. SMALE wazisa abatenga kwi venkile yake, nabo bonke Phešheya kwe Nciba ukuba uyakurola awona maxabiso apezulu ngoboya, kwanangazo zonke izinto eziveliswa ngaba Ntsundu.

INKOMO! INKOMO!

EZITENGISAYO.

UHLELI enento eninzi ye Mazi, Amatokazi, Amatole, njalo njalo, angazinyulelayo umntu TSHIPU.

F. SMALE, kwa Mpuluse.

qt3010

V. DOLD AND CO., E KOKSTAD,

BATENGA yonke into NGEMPAHLA nange CASH. Banempahla eninzi, enoncedo, e TSHIPU.

Pambi kokuba utenge kwezinye indawo kawuye kuvela kwa V. DOLD & CO.

Abatenga nge CASH bayapulelwa kakuhle.

ISEBENZA NGOBUGQI. I-RHEUMATICURO ! IYEZA ELIKULU LASE SOUTH AFRICA.



Alikaze linqatyelwe kupilisa Izifo Zamatambo, Isinqe, ingqaqambo Zentloko.

Lingqinwe ngamawaka.

Umenzi walo kupela ngu

J. JONES, Cape Town.

LINOKUTENGWA NAPINA.

UKUTETELA 'Amatyal, Imicimbi Ye-mihlaba, Ukubbala Iminqopiso lwe-nziwa ngo

HOWARD & WEBB,
Emva kwe Zitola zo BAKER, BAKER & CO.
E-QONCE.

AMAYEZA

ADUME KUNENE,
KA

JESSE SHAW (U-Nogqala), E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela

LAMAYEZA aya yalezra kakulu nguminiwo, ngenxa yoku nqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona; ngenxa yoku kaulaza uku nceda oku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi hexabiso lawo; ngenxa nokucoceka ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno ngqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPLISI WENENE (The Sure Cure).
Umcaza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye imunu.

ELONA (Specific).
Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu rekatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).
Umcaza ongenzi xesha ukupilixisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).
Elingoyiswayo zingqaqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwenflokoyonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.) Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).
Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, nkungatandi kudla, Iceaine nento ezinjalo.

UHLIKHLA (Embrocation).
Amafuta omi okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxazaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soothe).
Amafuta omi okupilisa ukutsha. ukutyabuka, ezinye.

UMNCWANE WEBIHLAHLA (Confection of Rhubarb).
Incindi yoku geda ixiswana ezikatazayo zentsana, nezabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).
Umchiza wokupilisa ukuqinjelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDYIA (Indian Tonic).
Iyeza elilunge kunane kwizifo xekuba uatataka, ukungatandi nio itiywayo.

UBUGQI Magic Healer).
Amafuta akupilisa . amthane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Enaoljentine).
Into elunge kunene etanjiswayo ebona buhebhule bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).
Lisetyenaisiwa neli kutiwa " Lelona " xa isifo sokunamba igazi senele.

Izalatio zendlela yoku waebenzisa zishicilelwe izokuzalisekileyo zaliwa nca kwi bhotilana nezi ofilana ngazinye, eziti zakulandelwa ngokufezekileyo akaze angapisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungapawo lamayeza esirweqe sokulumkela okjungekeli.

Akandwa onziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemcaza, e Bhofofo, atengiswa ngu've nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwinkoliso yedolopu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—
E Qonce—Dyer & Dyer, Malcomesa Co., D
Drummond & Co.
E Ngqamakwe—Mrs. Savage.
E Monti—B. G. Lennon Co.
E Rini—, Wells.
E Dikeni—R. Stock.
E Komani—Mager & Marsh.
E Bhayi—B. G. Lennon Co.
E ngqusha—W. A. Young, Esq.
Ikaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

**IVENKILE YOWOHLANGA
E HERSCHEL.**

TIMOTHY K. MAYISELA & CO

Bavule IVENKILE ngo 7th April, 1890, e DULCIES NEK, HERSCHEL.

Batamba Umzi ukuba Ubaxhase.

ISAZISO?

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nufumanisa kona impato efanelekileyo, izixhasu nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom epapamo kunene,

ROBERT XHOLLA,

Graham's Town, Kowie Street.

28th June, 1889.

KUBASEBENZI:

KUFUNWA kwangoku AMADODA 500 ukuya kusebenza ko Loliwe baka Rulumeni wase Kapa Umvuzo 3s. ngemini. Yizani kwivenkile yo Messrs. Hadnott & Co, General Dealers, Queenstown.—temdd

Kwi Waggon-Makers Ezintsundu.

ABELISHISHINI ababhulele kogama lingezantsi banokufumana umsebenzi ote qo, kwanomvuzo olungileyo. Mabangandeni kuba kuko indawo ezintatu esezivulekele abasebenzi

S. D. SNOOKE.

St Mark's 28 Mav, 1890.— tctndd

KUFUNWA,

OTITSHALA ABABINI aBakwa zi Cate-chista, Amatshatshi atshatileyo, anezimilo ezihle ezingqiniwayo. Mababe nako ukuyiquba Inkonzo nokushumayele. Umvuzo £40 ngonyaka. Bhalela, ku Rev S. W. Cox, 8. Michael's Mission, Herschel.—tomdd

UMZI ONTSUNDU

Onga Unganqhina

EYONA NDLU ITSHIPU

EQONCE,

MAUYE KO

A.J.CROSS & CO

OMTEKETISO INGU

TIKOLOSHE.

Asoyiki-nto wobu-ya ungarani.

BATENGISA NGENTO ZONKE

Kwigumbi le Malike elilunge netyalike Yabantsundu base Wesile.

A. J. Cross & Co.

Kingwilliamstown.

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka JULY.

Ngemiti Yeziqamo,

Nge-Rozi,

Nge Diliya,

Nge Rhubarbs,

Nge Radish,

Nge Strawberries,

(Amaqunube).

—LIXA LOKUTYALA—

W. & C. GOWIE,

Abatengisi be Mbewu Mtyilo,

GRAHAM'S TOWN.

BANTSUNBU!

Bantsundu! Bantsundu

NALI iculo lika " Folokoco " lingelilo Elamaqaba Umqolo we Namba, kodwa elika Folokoco yedwa

Lilo eli:—

Kuko Venkile apa e King. Kekalok' impahla yayo lku' ezezinye everything, Kumbulani Ivenkile leyo.

Umniniyo utiywe ngamakosikazi, Ngapandle komteketiso, Ngu Folokoco, —Manenekazi Yezani ninqwenise iliso.

Ityal' ezetu zaba Tshakazi, Ngokwenyani zihleli zodwa,— Amanene, namanenekazi S'true, intengo yetu iyodwa Ibhayti, ihempe, neminqwazi, Nebhulukwe ezisikiweyo,— Zonk' impahla zamaledikazi Ngenene zezifanelekileyo. Siti kwaba batenga kade Ninga dinwa ziblobo zetu Kude kube ngu napakade Nitenga kweya kowetu.

Ningayilibali indawo ekuyo Inkumba ka FOLOKOCO ngezantsi kwe

Scotch Church, King Williamstown.

Printed for the Proprietor, J. TENGO- JABAVU, by HAY BROTHERS, Smith Street, King Williamstown,